SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## IINKCUKACHA EZIYA KUBAMAKISHI

Ekuhloleni umsebenzi wabaviwa, le miba ilandelayo, eminye yayo icatshulwe kwirubrikhi yokuhlola, mayithathelwe ingqalelo:

- Makubekho ubungqina bokucwangcisa, bokuhlaziya, bokuhlela nobokulungisa iziphene kumsebenzi aza kuwunikezela.
- Makayazi injongo, abantu ajolise kubo nomxholo – kwakunye nerejista, isimbo sokubhala nethoni.
- Ukusetyenziwa kolwimi, upelo neempawu zobhalo.
- Izakhi zolwimi zibandakanya ulwazi olunzulu ngolwimi.
- Ukhetho magama nokusetyenziswa kwezafobe.
- Ukubunjwa kwezivakalisi.
- Ukubhalwa kwemihlathi.
- Ukutolikwa kwesihloko esiza kuvezwa kumxholo ngokupheleleyo: Intshayelelo, ukukhuliswa kwezimvo nesiphelo.
- Nangona umviwa ekhuthazwa ukuba abhale inombolo nesihloko sombuzo kuyacetyiswa ukuba othe waphazama akasibhala isihloko enombole ngokuchanekileyo anganyityelwa manqaku.
- Xa umviwa edlulisile kwinani lamagama amiselweyo kwimpendulo yakhe makanganyityelwa manqaku kuba irubrikhi sele iziqingqile izohlwayo.

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2024 -06- 18
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2024 -06- 18

## IINGCEBISO NGENDLELA YOKUMAKISHA

## ICANDELO A: ISINCOKO

Jonga kwiCANDELO A: Irubrikhi yokuhlola isincoko efumaneka kwiphepha le-14 nele-15 lale memorandam.

| IMIQATHANGO ESETYENZISELWA UVAVANYO | |
|---|---|
| **IMIQATHANGO** | **AMANQAKU** |
| UMXHOLO NOCWANGCISO | 30 |
| ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA | 15 |
| ISAKHIWO | 5 |
| AMANQAKU EWONKE | 50 |

## ICANDELO B: IMIHLATHI

Jonga kwiCANDELO B: Irubrikhi yokuhlola imihlathi efumaneka kwiphepha le-16 lale memorandam.

| IMIQATHANGO ESETYENZISELWA UVAVANYO | |
|---|---|
| **IMIQATHANGO** | **AMANQAKU** |
| UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI | 15 |
| ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA | 10 |
| AMANQAKU EWONKE | 25 |

1. Funda umhlathi wonke uze ugqibe ngenqanaba loMXHOLO, UCWANGCISO neFOMATHI.

2. Funda umhlathi kwakhona uze ukhethe inqanaba elichanekileyo loLWIMI, ISIMBO SOKUBHALA nokuHLELA.

**QAPHELA:**

- Iifomathi ezahlukileyo zemihlathi/ezifundisiweyo ziyasetyenziswa. Oku kufuneka kuthatyathelwe ingqalelo xa kuhlolwa ifomathi.
- Nika amanqaku ngefomathi echanekileyo.
- Jonga uthungelwano lwezimvo kuko konke okubhaliweyo.

**QAPHELA:**

- **Amanqaku anikwe ngezantsi kwisihloko ngasinye kwesi sikhokelo sokumakisha asetyenziswa <u>kuphela</u> njengesikhokelo kubamakishi.**
- **Makwamkelwe indlela umvriwa ngamnye asitolike ngayo isihloko, nokuba iyohluka kumanqaku anikiweyo, okanye kwiimbono okanye iindlela asitolika ngayo ummakishi.**



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO A: IZINCOKO

Kulindeleke ukuba abaviwa babhale isincoko esiNYE esinomthamo wamagama angama-340–390 ngesiNYE sezihloko ezinikiweyo. Abaviwa bangabhala nangaluphi na udidi lwesincoko: esibalisayo, esichazayo, esixoxayo, esivelela amacala amabini, esicamngcayo, okanye naziphi na ezidityanisiweyo kwezi.

### IIMPAWU ZESINCOKO

**Isincoko esibalisayo:**

- Makasebenzise ixesha eladlulayo/ elidlulileyo/elimiyo
- Sibhalwa kumntu wokuqala okanye owesithathu
- Makabonise ulwazi ngesihloko asikhethileyo
- Abalinganiswa, isimo sentlalo, izizathu zokuhla kwezehlo ukuya kwisiphelo mazibonakale
- Iziganeko zichazwe/ zibaliswe ngokulandelelana kwazo okanye zicace ezingunobangela wezinye, kungenjalo angasebenzisa izixhobo ezifana nophuphelo okanye ukuqala ngesenzo esingekehli/ sokugqibela
- Sisebenzisa amagama abonisa ixesha afana noo-emva, phambi, ngelixesha
- Sisebenzisa intetho yababini/ ukuzithethela kwabalinganiswa
- Ulwimi olusetyenzisiweyo malube lolokudala ifuthe noluchukumisayo kofunda isincoko, lungekrwada phofu

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2024 -06- 18
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION

**Isincoko esichazayo:**

- Sinokubhalwa ngokwexesha elidlulileyo okanye elangoku
- Sichaza into/umntu/indawo/imeko, njalo njalo
- Sisebenzisa amagama okudala umfanekiso
- Sisebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nezichazi, imifanekiso- ntelekelelo izihlomelo, neziphuhlisayo ezifana nezifanekisozwi
- Sisebenzisa imifanekiso-ntelekelelo nezafobe zentetho
- Sivakalisa iimvakalelo zombhali

**Isincoko esicamngcayo:**

- Siveza uvakalelo lombhali ngesigama esibonakalisa amava akhe
- Siveza uchukumiseko ngomba ekubhalwa ngawo
- Uvakalelo olungundoqo ludlala indima enkulu
- Ubukhulu becala esi sincoko siyachaza. (Sisebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nezichazi, imifanekiso – ntelekelelo, izihlomelo, neziphuhlisayo ezifana nezifanekisozwi kwakunye nezafobe zentetho.)
- Uvakalelo lombhali maluveze ukunyaniseka kunye nokubandakanyeka



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**Isincoko esixoxayo:**

- Umviwa uthatha icala ngomba othile
- Uthotho lweengxoxo – oludla ngokuba kwimo engengcaciso ngeengongoma ezithile
- Ukubethelela – isishwankathelo nokuphindelela kwinkcazelo engoluvo oluthile lokuvula
- Kwingxoxo yakhe unika ubungqina obuxhasayo obusenokuba ngamanani okanye ukucaphula kumava anawo ayinyani
- Usenokuxoxela okuthile echasa enika ubungqina obuxhasayo
- Isiphelo sisenokuba sisishwankathelo neengcebiso

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2024 -06- 18
APPROVED MARKING GUIDELINE

**Kwisincoko esivelela amacala omabini:**
- Inkcazelo engomba inokuba ngengxoxo ephambili
- Umviwa uwaphatha omabini amacala engxoxo
- Uxoxela okuthile enika ubungqina obuxhasayo
- Unokulandela isakhiwo esithi umhlathi umela uluvo oluvumayo, kolandelayo, luchase, kungenjalo avume ekuqaleni komhlathi aze achase ekupheleni, kodwa makalunike olwakhe uluvo xa evala
- Unokuxoxela okuthile echasa/ evuma nokunika ubungqina obuyinyani obuxhasayo.
- Isiphelo – isishwankathelo neengcebiso
- Makabonise ulwazi ngesihloko nangomba axoxa ngawo

**UMBUZO 1**

1.1 **Zaxananaza iingcinga ndakubizwa kuloo ofisi**

Isincoko singabalisa/ chaza/ camngca/ xoxela amacala omabini/ xoxela icala elinye
Isincoko masicwangciswe ngokukuko
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/ efihlakeleyo/ azixube iintsingiselo zempendulo
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo

**Umxholo:**
- Makaxele ukuba ungubani ebizelwa kuyiphi iofisi
- Ingalibali elingokuphala kweengcinga ezibuza imibuzo ngakubizelwayo
- Ubuninzi nokubhidana kweengcinga ezinokubangela ukuba abizwe
- Angaveza imvakalelo yakhe phambi kokuba angene nasemva kokuba ephumile. kule ofisi
- Angabhala indlela achaphazeleke ngayo ebomini bakhe koku kubizwa kule ofisi

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

**Ulwimi:** **[50]**



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo

1.2 **Ndibuchaza ndiphelelwe ngamagama ubuhle baloo ndawo**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye
Isincoko masicwangciswe ngokukuko
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/ lomxube weentsingiselo zempendulo
Imo mayifaneleke: intshayelelo, isiqu nesiphelo

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2024 -06- 18
APPROVED MARKING GUIDELINE

**Umxholo:**
- Umviwa makayichaze indawo le abhala ngayo
- Angabhala ngobuhle obungathethekiyo ebalula iindawo ezithile zale ndawo
- Unokuchaza umtsalane enawo elizweni nakwamanye amazwe
- Umviwa angachaza indlela elondolozwa ngayo le ndawo ukuze ihlale intle inomtsalane

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

**Ulwimi:**

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo **[50]**

1.3 **Ukuba ndingaze ndiphinde ndingayithethi inyani**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye
Isincoko masicwangciswe ngokukuko
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/ lomxube weentsingiselo zempendulo
Imo mayifaneleke: intshayelelo, isiqu nesiphelo

**Umxholo:**
- Umviwa angabhala ngengxaki angena kuyo ngenxa yokungathethi inyani
- Angabhala ngendima edlalwa yinyani ebomini bomntu
- Umviwa angabhala ngeemeko apho ekufuneka/ ekulindeleke inyani kuphela
- Ungachaphazela iziphumo zokungathethi inyani/zokuthetha inyani

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**Ulwimi:**

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo **[50]**

1.4 **Imfundo neziyobisi yinyoka nesele**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye ngokulunga nokungahambisani kokufunda nokusebenzisa iziyobisi

Isincoko masicwangciswe ngokukuko
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/ lomxube weentsingiselo zempendulo
Imo mayifaneleke: intshayelelo, isiqu nesiphelo

**Umxholo:**
- Umviwa angabhala ngamava akhe okuphazamiseka kwimfundo ngenxa yeziyobisi
- Ungangeemeko zasekuhlaleni apho iqela elithile labantwana loyiswe kukufunda ngenxa yeziyobisi
- Ungaphawula ngesimilo esibi somntu osebenzisa iziyobisi aze angakwazi kuhlonipha ootitshala nokwenza ngokufanelekileyo umsebenzi wesikolo

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa]

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2024 -06- 18
APPROVED MARKING GUIDELINE

**Ulwimi:**

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo **[50]**

1.5 **Ukuwongwa ngokusebenza kuyakhuthaza kutyhafise ngamanye amaxesha**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye
Isincoko masicwangciswe ngokukuko
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/ lomxube weentsingiselo zempendulo
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo

**Umxholo:**

- Umviwa angabhala ngokuba umntu ngamnye usebenza ngokwamandla nangesiphiwo sakhe ngoko ke makawongwe ngemisebenzi yakhe
- Angabhala ngenkuthazo enikwa liwonga olifumana ngenxa yokusebenza ngokuzimisela
- Angaveza amatyeli abantu bewongwa ngokungafanelekanga ngenxa yeemeko ezithile ezifana norhwaphilizo ukwenzelelelwa ngamalungu osapho asezikhundleni eziphezulu njalo njalo
- Angabhala ngeziphumo zokungawongwa kodwa ube uzinikele emsebenzini

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**Ulwimi:**
Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo **[50]**

**1.6 Kusenza amayilo ukukhetha phakathi kwemali nothando**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye

Isincoko masicwangciswe ngokukuko
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/ lomxube weentsingiselo zempendulo
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo

**Umxholo:**
- Umviwa angabhala ngokhetho oluxakisayo/olugwenxa/oluhle phakathi kwemali nothando phantsi kwemixholwana eyahlukileyo. Umviwa usenokukhetha ukubhala ngokhetho phakathi komzali onemali okanye umzali onothando/ ikhaya elinemali okanye ikhaya elinothando/umhlobo onemali okanye umhlobo onothando okanye nayiphi enye ayicingileyo
- Umviwa angabhala ngokusetyenziswa gwenxa kwemali okanye kothando xa umntu efuna ukufikelela kwimali yomntu okanye efuna ukufumana imali
- Angabhala ngeendlela oluchaphazeleka ngayo uluntu koku kungakwazi ukwenza olu khetho
- Angabhala ngendlela abaxakeke ngayo abantu kukuthi besakufumana imali balibale ngothando okanye ukusebenzisa iindlela ezigwenxa xa befuneka bencame uthando besiya emalini okanye banikezele ngothando befuna ukufumana imali
- Angabhala ngefuthe lokungakwazi ukuthatha izigqibo malunga nothando okanye imali ngokwahlukileyo
- Angabhala ukuba ngenxa yokungabikho kozinzo kubomi bababantu ngenxa yokusilela kuyo nganye kwesi sibini/ kwenye kwesi sibini

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

**Ulwimi:**
Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo **[50]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2024 -05- 18
APPROVED MARKING GUIDELINE



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



1.7 Umviwa makanike isihloko esifanelekileyo

Isincoko masicwangciswe ngokukuko
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/ efihlakeleyo/ lomxube weentsingiselo zempendulo
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo

**Umxholo:**

- Ungasekwa kungcoliseko lomoya/ nezizathu zokuyekwa kolu didi lwesitovu/ ungaziinkumbulo zobumnandi neentlungu ezifana nongcume oluviwe ngexesha lezitovu zelitye nefuthe lalo/ nobunzima obufunyanwa ngexesha lokusetyenziswa kwezitovu zamalahle
- Ungalungcoliseko lomoya olwenziwa ngumsi wamalahle asetyenziswa kolu didi lwesitovu
- Ungangokuyekwa kwezinto zakudala kutshintshelwe kwezanamhlanje.
- Ungabonisa abafuna ukuphindela embo izizathu zokungaphindeli ucebise ezinye iindlela zokupheka ezikhawulezayo
- Unganxusa ukungalahli imbo yakho ngophoyiyana

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2024 -06- 18
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

**Ulwimi:**
Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo **[50]**

1.8 Umviwa makanike isihloko esifanelekileyo.

Isincoko masicwangciswe ngokukuko
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/ efihlakeleyo/ azixube iintsingiselo zempendulo
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo

**Umxholo:**

- Ungamalunga nokubaluleka kwemithi/ nefuthe layo kwintlalo yabantu
- Ngemithi noqoqosho oluza neemveliso zemithi
- Ungamalunga nokutshatyalaliswa kwendalo/ukukhathalelwa kwendalo
- Angabhala ngamathuba emisebenzi ngenxa yoshishino ngemithi

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

**Ulwimi:**
Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo **[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO B: IMIHLATHI

## UMBUZO 2

Kulindeleke ukuba abaviwa babhale imihlathi emiBINI kule ibuziweyo.Ubude beempendulo mabube li-100–120 amagama, umxholo kuphela. Ulwimi, irejista, isimbo sokubhala nethoni mayifanelane nenjongo yobhalo.

### 2.1 I-IMEYILE

**Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Inedilesi ye-imeyile yalo ubhalelwayo/isenokubanayo neyombhaleli.
- Kumgca olandelayo idilesi yombhalelwa kufuneka umba/isizathu sokubhalwa kwe-imeyile/umongo ngokufutshane siyafuneka.
- Inesibuliso esidiza ukuba kubhalelwa umhlobo.
- Umxholo mawubengowokuvuyisana nomhlobo ozuze isixamali kwi*lotto.*
- Makusetyenziswe isimbo neefonti ezifundeka lula.
- Mayingabhalwa ngoonobumba abakhulu bodwa, iifonti mazingaxutywa ngaphandle kwesizathu esivunywe yimigaqo yobhalo.
- Imibala mayibe mnyama namhlophe kuphela ingacimeli kodwa yenze kubelula ukufunda.
- Isiphelo masibonise ubuhlobo–Umhlobo wakho negama elingenafani
- Izingxi azisetyenziswa kwidilesi, isibuliso nesiphelo

(Jonga kwiphepha lesi-3 lwesi sikhokelo sokumakisha malunga neefomathi.)

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2024

**Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela [10]**

Kusetyenziswe irejista nolwimi olungekho sikweni **[25]**

### 2.2 ISIVI NELETA EYIKHAPHAYO

**Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Mayibhalwe kwiphepha elitsha
- ISivi mayithi ngqo ingajikelezi ibesemxholweni
- Mayiqulathe kuphela izinto ezinokubangela ukuba umqeshi athabatheke nguTofu Mbinana
- Mayibhalwe ngokunyaniseka
- Mayibonakalise ukulungelelana neenkcukacha zodidi lomsebenzi awufunayo uTofu Mbinana
- Iziqinisekiso zemfundo anazo, mazihlengahlengiswe ngokweminyaka, nangokwamava anawo omsebenzi. (ukuba akhona)
- Mayinike iinkcukacha zabantu abanokunika ulwazi ngomenzi wesicelo (abantu abanokumngqina)/ abantu abanokwenza ingxelo ngokuziphatha kwakhe

**Ileta ekhapha isivi**

Ayinabude buqingqiweyo kodwa iziqulatho zayo eziphambili kukuvakalisa ngobukho besivi eneenkcukacha ezifunekayo
Umenzi sicelo akabanjwanga ukuba angazithengisi
Ifomathi yeyeleta eqhelekileyo esesikweni yokucela umsebenzi

**Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela [10]**



X, N· NWS PP

SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



Mayisebenzise irejista esesikweni nolwimi olundilisekileyo **[25]**

## 2.3 IRIVYU

**Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Mayibe ngerestyurenti abeye kuyo umviwa
- Mayiveze iimpawu zayo eziphambili
- Mayivakalise izimvo neemvakalelo zombhali werivyu ngendawo ekuyo, ukutya kwayo, impatho entle yabasebenzi
- Mayithelekiswe nezinye iirestyurenti akha waya kuzo umbhali
- Mayiveze okuyinyani ingabaxi, okubi nokuhle ngendlela ehloniphayo nenika isidima
- Mayitsale umdla kulo uyifundayo
- Mayiquke ulwazi/ikhankanye izinto ezifumaneka kule kuphela irestyurenti.
- Mayibhalwe ngokucacileyo, ingqale ukuze inike isigxekoncomo ngerestyurenti
- Mayibalule ukuba ngoobani abantu abaxhasa le restyurenti ngenxa yamaxabiso, ukutya kwayo nendawo ekuyo
- Uvumelekile umbhali ukuba abalule izinto ezinika umtsalane kule restyurenti okanye ngayo
- Kwisiphelo makuvele umyalezo/imfundiso efumaneka kwindlela elawulwa ngayo le restyurenti

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2024 -06- 10
APPROVED MARKING GUIDELINE

**Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela [10]**

- Makusetyenziswe ulwimi oluchukumisayo nethoni ehambelana novakalelo lombhali werivyu ngabhala ngako
- Izivakalisi maziphelele
- Mayisebenzise isigama sokuchaza esizoba imeko/oko kuthethwa ngako kucace
- Makusetyenziswe ulwimi olusesikweni
- Makusetyenziswe amagama namabinzana abhekise kwimeko enjengobugcisa **[25]**

## 2.4 INQAKU LEPHEPHANDABA

**Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Malibhalwe ngendlela evuselela ukuvuya, isihloko sibemalunga nomsitho wokuwonga abafundi kwisikolo somviwa
- Makakhankanye igama lephephandaba nomhla wopapasho
- Malibenesihloko lize ezantsi kwesihloko kuvele igama lombhali wenqaku
- Malibenesihloko esicacileyo nesivakalayo kongezwe nesihlokwana esicacileyo
- Maliveze iingongoma njengoko zinjalo zingachatshazelwa ziimbono zombhali walo
- Maliwuchaze ngokufutshane umba ekubhalwa ngawo kodwa ucace gca
- Makubonakale ukusetyenziswa kolwazi olufunyenwe ngexesha lokubamba udliwanondlebe
- Maliqale ngokona kubaluleke kakhulu, umzekelo, ngubani, yintoni, nini, phi, kutheni, kangakanani?
- Umyalezo maliwugqithise uvakale kwabo babhalelwayo



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



- Malishwankathele ngokucacileyo lingayigqwethi into eyinyaniso

**Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela [10]**

- Makusetyenziswe ulwimi nethoni ehambelana nodidi lwephephandaba elibhalelwayo
- Kusetyenziswe ulwimi olusesikweni
- Izibizo gabalala nezimelabizo ziyasetyenziswa ngakumbi ngeenjongo ezibalulekileyo
- Kusetyenziswe amagama adala uvakalelo nachukumisayo
- Amagama namabinza abhekise kwimeko enjengobugcisa avumelekile **[25]**

## 2.5 INTETHO ESESIKWENI

**Ifomathi, ucwangciso nomxholo: [15]**

- Mayibe nesihloko esiza kuthetha phantsi kwaso isithethi
- Mayahlulwe ibenentshayelelo, isiqu nesiphelo
- Intshayelelo mayithengise iingcamango zesithethi (kulutsha lwengingqi yesithethi ngosuku lwamagugu, lukhuthazwe ngokugcina nokuxabisa amasiko nezithethe) kwabaza kuyiphulaphula
- Umxholo mawubengokubaluleka kwemvelaphi yomntu
- Mayitsale umdla wabaphulaphuli (Singenza ibalana/umzekeliso/umzekelo ozalana nentetho le esiza kuyenza)
- Mayikhankanye iingongoma eza kucangcatha kuzo intetho (Mazibe zezisukela kwisihloko sentetho/kwingcamango ephambili yentetho)
- Mayinxibelelane/inxulumane nabaphulaphuleyo (inokutsala kumava emeko/nakwisimo esaziwa ngumntu wonke, kwabo baphulaphuleyo)
- Isiqu sentetho siquka iingongoma eziphambili zomyalezo ebezikhankanyiwe xa bekusenziwa intshayelelo
- Mayigxininise ngokumana iphindaphinda ingongoma ebalulekileyo phambi kokuba igqithele kwelandelayo
- Kunokusetyenziswa amabalana ahlekisayo amafutshane/iintetho ezihlekisayo ukugxininisa oko kuthethwayo ngendlela egcina abantu benomdla
- Isiphelo masishwankathele iingongoma eziphambili ezibubethelela ukuze abaphulaphuli bahlale bezikhumbula
- Mayibe nophawu olubonisa ukuba iyaphela, ifikelele esiphelweni. Umzekelo amagama anjengo-'elokugqiba'/'ndivala ngelithi …'

**Ulwimi isimbo sokubhala nokuhlela: [10]**

- Irejista indilisekile kuba yenzelwa abantu abangasondelanga kulo uyinikezelayo ngoko ke nesigama sibonisa undiliseko
- Kwakhona, irejista, ithoni nesigama sihambelana nendawo intetho eyenziwa kuyo kunye nodidi lwabantu eyenzelwa bona/abaphulaphuleyo **[25]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2024 -06- 18
APPROVED MARKING GUIDELINE



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## 2.6 INGXOXO YABABINI

**Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Intshayelelo mayibhalwe kwizibiyeli (izalathisi zeqonga) umzekelo: indawo, ixesha izithethi nomba ekuxoxwa ngawo. Abathabathi-nxaxheba bayabulisana kodwa bangabheki phambili kakhulu ngomba wempilo
- Kwisiqu mayibhalwe kusetyenziswa intetho-ngqo ngaphandle kweempawu zocaphulo
- Isithethi masibhalwe ngasekhohlo ephepheni, ze silandelwe yikholon [:]
- Makushiywe umgca ongabhalwanga phakathi kwezithethi
- Ingcaciso engenye mayibhalwe kwizibiyeli ( ). Umzekelo ingcaciso ebonisa intshukumo, iimvakalelo neemeko ezikuzo izithethi (umzekelo: ehleka)
- Mayingafikeleli esiphelweni ingakhange ifezekise injongo yengxoxo ngembono yokukhetha ukuba ulutsha lucule iGospel endaweni yomculo wAmapiyano.**UNathi azakuzele iGospel, uThobela, Amapiyano**
- Kwisiphelo ingxoxo mayisongwe ngokuba ifikelele esiphelweni
- Mazivalelisane izithethi iseso sinelizwi lokubulela kuba ngabantu abaqheleneyo nabasondeleleneyo banokuphela ngendlela ebonisa oko

**Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela[10]**

- Ithoni nerejista esesikweni ukuya kwengekho sikweni
- Kuthethwa kwixesha langoku ze kusetyenziswe elidlulileyo/eladlulayo xa kubhekiswa kwisiganeko esithile **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2024 -05- 18
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**ICANDELO A: IZINCOKO – AMANQAKU**

- Sebenzisa le rubrikhi rhoqo xa umakisha izincoko (zephepha lesi-3, Icandelo A)
- Amanqaku ukusukela kweli-0 ukuya kwangama-50 ahlula-hlulwe ngokwamanqanaba amahlanu.
- Imigangatho yomxholo, ulwimi nesimbo, inqanaba ngalinye kula mahlanu lahlula-hlulwe kubini, kwakho amanqaku abelwe abo banezincoko ezikwinqwanqwa eliphakamileyo nezo zikwinqwanqwa elingezantsi kwinqanaba ngalinye.
- Isakhiwo asichatshazelwa kukwahlulwa ngokwenqwanqwa eliphezulu nelisezantsi.

| Imiqathango | | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO NOCWANGCISO**<br><br>**(Impendulo nezimvo)**<br>Uyondelelwaniso lwezimvo ngokucwangcisa<br>Ukuqonda injongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo<br><br>**30 AMANQAKU** | **Inqwanqwa eliphakamileyo** | **28–30** | **22–24** | **16–18** | **10–12** | **4–6** |
| | | -Impendulo igqwesile/ inomtsalane, ngaphezu koko bekulindelekile.<br>-Izimvo eziqiqisisiweyo, ezixhokonxa iingcinga nezivuthiweyo.<br>-Impendulo elungelelaniswe kakuhle ngokugqwesileyo enothungelwano (enonamathelwano) ukuquka intshayelelo, isiqu, ukuqukumbela/nesiphelo. | -Impendulo ixongxwe ngobugcisa.<br>-Izimvo zihambelana gingci nomxholo kwaye zinomdla zinobungqina bokuvuthwa.<br>-Ilungelelaniswe kakuhle kakhulu kwaye iyathungelana (inonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu ukuqukumbela / nesiphelo. | -Impendulo iyanelisa.<br>-Izimvo ziyathungelana noko ziyaqinisekisa ngokusemxholweni.<br>-Ilungelelanisiwe noko kwaye iyathungelana kuquka intshayelelo, isiqu ukuqukumbela/ nesiphelo. | -Impendulo ayinaluthungelwano Lungqinelanayo.<br>-Izimvo azicacanga kwaye ayizizo ezomfundi.<br>-Buncinci ubungqina bolungelelwaniso nothungelwano lweengcamango. | -Impendulo ayihambelani nomxholo kwaphela.<br>-Izimvo ziyabhidisa kwaye azingqamananga kwaphela nomxholo.<br>-Azicacanga kwaye ziphindaphindiwe.<br>-Azilungelelaniswanga kwaye azithungelani. |
| | **Inqwanqwa elingezantsi** | **25–27** | **19–21** | **13–15** | **7–9** | **0–3** |
| | | -Impendulo egqwesileyo kodwa ineendawana esilela kuzo ukuba neempawu ezinomtsalane ogqwesileyo wesincoko esinkqenkqeza phambili.<br>-Izimvo ezivuthiweyo neziqiqisisiweyo.<br>-Izimvo zilungelelaniswe ngobugcisa.<br>zinothungelwano (zinonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu kunye nesiphelo. | -Impendulo ixongxwe kakuhle.<br>-Izimvo ziyahambelana zinomdla.<br>-Ilungelelaniswe kakuhle iyathungelana (inonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo. | -Impendulo eyanelisayo nangona kumana kubakho izikhewu kwingcaciso.<br>-Izimvo ziyanamathelana ngokwanelisayo kwaye ziyaqinisekisa.<br>-Kukho ulungelelwaniso olufumanekayo nothungelwano kwintshayelelo, isiqu nesiphelo. | -Ubukhulu becala impendulo ayihambelani nomxholo.<br>-Izimvo zibonakalisa ukungahlangani nokubhidisa.<br>-Phantse bungabikho ubungqina bolungelelwaniso nothungelwano. | -Akukho linge lokuphendula isihloko.<br>-Ayihambelani kwaphela nomxholo kwaye ayifanelekanga.<br>-Ayingqamananga nomxholo kwaphela kwaye inobubhutyu-bhutyu. |

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2024 -05- 15
APPROVED MARKING GUIDELINE
PUBLIC EXAMINATION



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



| | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA** Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama esifanelene nenjongo/nesimo sentlalo. Uchongo magama, ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo, iimpawu zokubhala, igrama, nopelo. **15 AMANQAKU** | Ingwanqwa eliphakamileyo | **14–15** | **11–12** | **8–9** | **5–6** | **0–3** |
| | | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nakwisimo sentlalo. -Ulwimi lusetyenziswe ngokuzithemba, luyachukumisa ngokugqwesileyo. -Ithoni edlwengula umxhelo nenobuciko. -Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo. -Sixongxwe ngobugcisa obukhulu. | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala kunye nesigama ziqaqambe kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Ulwimi luchanekile kwaye ithoni isetyenzisiwe ngokufanelekileyo nangokuzinzileyo kwisincoko siphela. -Ubukhulu becala akukho ziphene kwigrama nopelo. -Sixongxwe kakuhle kakhulu. | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama zifanelekile kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Ulwimi lusetyenziswe ngokufanelekileyo ukudlulisa umyalezo. -Ithoni ifanelekile. -Izixhobo zolwimi zisetyenzisiwe ukuphuhlisa nokuphucula umxholo. | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama azihambelani nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Ulwimi lusetyenziswa ngendlela ebuthathaka. -Ithoni nochongo magama azifanelekanga. -Isigama sinqongophele kakhulu. | -Ulwimi alunantsingiselo. -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama azihambelani mpela nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -Ukusetyenziswa kwesigama kunqongophele ngokubaxekileyo de ungakwazi ukuqonda okubhaliweyo. |
| | Ingwanqwa elingezantsi | **13** | **10** | **7** | **4** | |
| | | -Ulwimi lugqwesile kwaye kusetyenziswe izixhobo zolwimi ezibonakalisa ubuciko ngokufanelekileyo. -Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo. -Sixongxwe ngobugcisa. | -Ulwimi luyakuthimba kwaye ubukhulu becala luchanekile. -Ithoni iqaqambile kwaye ichanekile. -Zimbalwa iziphene zegrama nopelo. -Sixongxwe kakuhle. | -Ukusetyenziswa kolwimi ngokwanelisayo kodwa kusekho ukungangqinelani apha naphaya. -Ubukhulu becala ithoni ifanelekile kodwa usetyenziso zixhobo zolwimi lunqongophele. | -Ukusetyenziswa kolwimi ngokungafanelekanga. -Kuncinci okanye akukho ukohluka-hlukana kwezivakalisi. -Isigama sinqongophele ngokugqithisileyo. | |
| **ISAKHIWO** Iimpawu zodidi lwesincoko, ukuphuhliswa kwemihlathi nokubunjwa kwezivakalisi. **5 AMANQAKU** | | **5** | **4** | **3** | **2** | **0–1** |
| | | -Isihloko sikhuliswe ngokugqwesileyo. -Iinkcukacha ezigqwesileyo. -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe ngokugqwesileyo. | -Iinkcukacha zakhiwe ngokulandelelana nangokuqiqisisiweyo. -Ziyathungelana. -Ukwakhiwa kwezivakalisi nemihlathi kuyahambelana, kwahluka-hlukene. | -Ukuphuhliswa kweenkcukacha ngokusemxholweni. -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kakuhle. -Isincoko sisesemxholweni. | -Kukho amanqaku asemxholweni. -Izivakalisi nemihlathi zineemposiso. -Isincoko sisesemxholweni nangona zisekhona iziphene. | -Amanqaku asemxholweni awakho. -Ulwakhiwo lwezivakalisi nemihlathi lunobubhutyubhutyu. -Isincoko siphume kwaphela emxholweni. |
| **AMANQAKU** | | **43–50** | **33–40** | **23–30** | **13–20** | **0–10** |

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2024 -06- 1[illegible]



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**ISIHLOMELELO B: IRUBRIKHI YOKUHLOLA IMIHLATHI ULWIMI LWASEKHAYA [25 AMANQAKU]**

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI** | **13–15** | **10–12** | **7–9** | **4–6** | **0–3** |
| -Impendulo nezimvo.<br>-Ulungelelwaniso lwezimvo.<br>nokucwangcisa<br>-Injongo, abantu ekujoliswe kubo, iimpawu/imigaqo nesimo sentlalo.<br><br>15 **AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile ngaphezu kobekulindelekile.<br>-Izimvo eziqiqisisiweyo nezivuthiweyo.<br>-Ulwazi olunzulu ngeempawu zohlobo lomhlathi obhaliweyo.<br>-Ubhalo lusemxholweni ncakasana.<br>-Ukuthungelana komxholo nezimvo.<br>-Icaciswe nzulu kwaye zonke iinkcukacha ziyasixhasa isihloko.<br>-Ifomathi yamkelekile kwaye ichanekile. | -Impendulo esemagqabini ebonisa ulwazi olululo ngeempawu zodidi lomhlathi.<br>-Ubhalo lusemxholweni.<br>-Ukuthungelana komxholo nezimvo, kucaciswe kakuhle kakhulu kwaye neenkcukacha zixhasa isihloko.<br>-Ifomathi efanelekileyo eneziphene ezingephi. | -Impendulo eyanelisayo ebonisa ulwazi ngeempawu zodidi lomhlathi.<br>-Ayikho mxholweni ngokupheleleyo.<br>-Kukho ukuphambuka okungephi emxholweni.<br>-Ubukhulu becala uyathungelana umxholo nezimvo.<br>-Ezinye iinkcukacha ziyasixhasa isihloko.<br>-Ubukhulu becala ifomathi ifanelekile kodwa kukho iziphene ezingephi. | -Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi.<br>-Kukho ukungqamana okungephi okusemxholweni kodwa kukho ukuphambuka kubhalo.<br>-Akusoloko kukho uthungelwano phakathi komxholo nezimvo.<br>-Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko.<br>-Imigaqo eyimfuneko yefomathi isetyenziswe ngokungacacanga.<br>-Imigaqo engundoqo yefomathi yetekisi ityeshelwe. | -Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi ngeempawu zodidi lomhlathi.<br>-Intsingiselo ilahlekile kwaye akakho mxholweni kwaphela.<br>-Ayithungelani kumxholo nezimvo.<br>-Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko.<br>-Ayisetyenziswanga imigaqo eyimfuneko yefomathi. |
| **ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA** | **9–10** | **7–8** | **5–6** | **3–4** | **0–2** |
| Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, injongo/imeko, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo.<br>Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo yalo.<br>Uchongo magama.<br>Iimpawu zokubhala nopelo.<br><br>**10 AMANQAKU** | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke ngokukodwa kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nakwisimo sentlalo.<br>-Ulwimi lusetyenziswe ngokuchanekileyo kwaye lwakhiwe ngokukuko.<br>-Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo. | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nakwisimo sentlalo.<br>-Ubukhulu becala ulwimi lusetyenziswe ngokukuko nangokuchanekileyo<br>-Isigama sichaneke kakuhle.<br>-Ubukhulu becala akukho ziphene. | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifanelekile kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo.<br>-Kukho iziphene ezimbalwa zolwimi.<br>-kukho isigama esaneleyo.<br>-Iziphene aziyichaphazeli intsingiselo. | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama asifanelekanga ngokupheleleyo kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo.<br>-Ukusetyenziswa kolwimi ngokungachanekanga kubangela iziphene ezibaxekileyo.<br>-Intsingiselo ilahlekile. | -Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama asihambelani nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo.<br>-Izele ziziphene yaye iyabhidisa.<br>-Isigama asihambelani nenjongo.<br>-Intsingiselo ichaphazeleke ngokukodwa. |
| **AMANQAKU** | **22–25** | **17–20** | **12–15** | **7–10** | **0–5** |

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
PRIVATE BAG X895, PRETORIA 0001
2024 -06- 1